

IsiXhosa  
Inqanaba

# Ingwenya enentiyo

3c

NguCharlotte Galane



**Ingwenya enentiyo**

**IsiXhosa**

**Inqanaba: 3C**

ISBN: 978-1-77981-486-9

© 2023 Ulwazi Lwethu African Languages Literacy Project

Umbhali: nguCharlotte Galane

Iguqulelwe esixhoseni: nguAsanda Sobuza neqela laseNMI

Imifanekiso: nguKarma Bosman

Uyilo: Rock Bottom Graphic & Design

Ushicilelo lohlelo lokuqala ku2023

Ushicilelo lwe10 9 8 7 6 5 4 3 2 1

Unyaka wama2027 2026 2025 2024 2023


# Ingwenya enentiyo



**NguCharlotte Galane**

Emlanjeni i-*Swike* kwakuhlala eyona ngwenya yakhe yankulu. Igama layo yayinguKwakwarapa. UKwakwarapa wayelilolo.

Umlambo wawusoloko uthé cwaka kwaye uzolile.






UKwakwarapa wazigxotha zonke izilwanyana  
kuba wayefuna ukusela yedwa emlanjeni  
azonwabele.

Wayethanda ukuchukusha ezinye  
izilwanyana.

Emini wayegcakamela ilanga kwilitye elikhulu  
etshayela umhlaba ngomsila wakhe.






Ebusuku izilwanyana zazichwechwa zizame ukusela amanzi. UKwakwarapa wayesithi akuzibona azileqe.

Izilwanyana zathumela iNcada ukuba iye  
kudlana indlebe noKwakwarapa.

Zonke izilwanyana zazifuna ukuphila ngoxolo  
naye.





Zonke zavumelana ukuba uNcada axelele  
uKwakwarapa ukuba zonke izilwanyana  
ezikufuphi nomlambo kudingeka zabelane  
ngamanzi.

UKwakwarapa wayenenkani.

Kwaphela kungekho sivumelwano phakathi koKwakwarapa neNcanda.

UKwakwarapa wathi, “Makwaziwe zizilwanyana zonke ukuba ndim ikumkani yomlambo iSwike kwaye akukho namnye ofanelwe kukusela kulo mlambo.”

INcanda yabuyela kwezinye izilwanyana ikhathazekile.





INcanda yabuya nengxelo yaxeleta  
izilwanyana ukuba uKwakwarapa usamile  
kwinkani yakhe.

Izilwanyana zaceba ukumenzela umgibe  
uKwakwarapa.

Ngaloo ntsasa, uKwakwarapa wabambeka kumgibe.

UKwakwarapa wabona impuku ematyholweni waze wayiqhatha ngokuba yona nosapho Iwayo uzakuyivumela isele emlanjeni ukuba inokunqunqutha iintambo zomnatha.






UKwakwarapa wazama ukuzikhulula kodwa  
ezinye izilwanyana zambona zambamba.

Zamthwala zamsa ebhotwe likaKumkani.

INcanda yanika umkani ingxelo, “Phila  
ngonaphakade kumkani Ndlovu!!!  
UKwakwarapa kudala esala ukuba sisele  
amanzi omlambo iSwike.”

Ngoku wayesele ezele luloyiko uKwakarapa.





Wathi ukumkani “Kwakwarapa, unentiyo.  
Namhlanje uyagqibelisa ukungavumi ezinye  
izilwanyana zisele amanzi omlambo iSwike.  
Asinakukuvumela wonzakalise izilwanyana  
zobu bukumkani.”

UKumkani wayekhathazeke kakhulu zizenzo  
zikaKwakwarapa. Waqhubeka wathi,

“Ningabam nonke. Bonke ubutyebi  
bobu bukumkani bufanele ukungcamlwa  
ngokulinganayo nini nonke.”

UKwakwarapa wazisola.





UKwakwarapa waliqonda ityala lakhe.  
Wangxengxeza.

Emva kokuba ziye zaxoxa izilwanyana  
zagqiba ekubeni zimxolele.

Ukususela ngoko, izilwanyana zahlala  
ngokonwaba. Zazonwabele ukusela  
emlanjeni iSwike kanye.





## Readers

### Inqanaba 1

- Izandi ezizizikharniso
- Izandi ezingamaqabane (b-j)
- Izandi ezingamaqabane (k-r)
- Izandi ezingamaqabane (s-z)
- Vula, vala, vakala
- Ukubala amagubu
- Imbalela
- Uziva njani uZazi?
- UNunu noBobi
- Idonki
- Ipesika enkulu
- UVuxa uthanda ucoceko
- Isuphu emnandi
- Amawele aluncedo
- Qaphela Cokisa
- USAzi ufuna ukupeyinta
- Ibululu esibayeni
- UVela noVutivi
- Iyakwazi ukubhabha

### Inqanaba 2

- Umlilo
- UKhabo nesigcawu
- Ubuga nini uTata?
- Mini emnandi Zazi
- Amantombazana alusayo
- Masonge amanzi
- Iinwele ezinkulu
- Basefama
- Isifo seehagu
- Usapho Iwam
- UKhosu uxakekile
- Lina libalele
- Ukonga uTatomkhulu
- Ubomi bam basefama
- Konke ngeetapile
- Imvumi yodumo uMirriam Makeba
- UNtombi ubhaqa isela
- IShibhelani kaKulani

### Inqanaba 3

- Soweto
- Isipho esothusayo
- Andijithandi imifuno
- UKhozi nombala obomvu
- Izipho
- Umjikelo wobomi besele
- Uthando lwamawele
- Umnyama kaNyansio
- UPhumu owonwabileyo
- Umnnqweno kaLunjje ufezekile
- UMoli neekhrikethi
- Uleqa phi Wenzile?
- Amaqanda kaZodwa adukileyo
- Isidudu esimnandi
- Iinyosi
- Ingwenya enentiyo
- Amaxesha onyaka
- Zinkulu kum
- Isonka sikaNomsa
- UMBali noBuhle

### Inqanaba 4

- Impindezelo yen kunzi
- Icebo elihle likaNtiyiso
- Ibhola elahlekileyo
- Batyelela umzi wogaino zilwanyana
- Idyasi egukuliyego
- Ubuchule bukaNcinci
- Badlala kuyo nayiphi imozulu
- Imisebenzi yasekhaya
- Ilokhwе entle
- Umlimi uNtsika neenkawu
- Amanzi ndawo yonke
- Ubugqi bembewu
- UPhila wonzakele
- Isityalo esiphilisayo
- Iindlela zabantu baseVenda
- UQhawe uyalazi ixesa
- Uggirha uSooliman olungileyo
- Amakhwenkwe akrelekrele
- Iindlela zothutho
- UGcina uzigcina esempilweni

### Inqanaba 5

- Isiqalo esitsha
- Inguqu kaNondwe
- Intombazana ekrelekrele
- Umsesane weXhalanga
- Umdlali obalaseleyo
- UThobile nezihlangu ezintsha
- Imilambo yaseMzantsi Afrika
- Imithi yaseMzantsi Afrika
- Uphelelwe ngamanzi emzimbeni
- Singcamla incasa yaseVenda
- Utata wethu, umginci wezilwanyana
- Umkuhulane
- UNomadlakadlaka oligorha
- Ingxaki egadini kaMakhulu
- USTovi noStali
- Iphupha likaSiviwe
- Isihlangu esihle
- UThwasa uphuthelwe
- Ukulima
- Ubuhlobo bokwenene
- Umlobi



NELSON MANDELA  
INSTITUTE FOR  
EDUCATION AND  
RURAL DEVELOPMENT



Ulwazi Lwethu yinkqubo esekwe ngenkxasomali yiZenex Foundation ukuvvelisa uluhlu lweenewadi zokufunda nezinge izixhobo zokufundisa. Le nkqubo ijlise ekufundiseni nasekuxhaseni ukupuhuhla kwasakhono sokufunda nokuqonda ulwimi lwasekhaya kubafundi abakumabanga aphantsi. Ezi ncwadi zihleliwego zisungulwe ngeelwimi ezilithoba zaseMzantsi Afrika ngentsebenziswano phakathi kwamaqumrhu iMolteno Institute for Language and Literacies, iNelson Mandela Institute for Education and Rural Development, iRoom to Read South Africa neSouth African Institute for Distance Education. Zonke ezi zixhobo ziveliswe njengesibonelelo semfundo evulelekileyo nefumaneka simahla, iOpen Education Resources (OER) ngelasemzini.

Nceda undwendwele iwebhusayithi yethu ukuze ufumane ushicilelo olupheleleyo lwale ncwadi: : [ulwazilwethu.org.za](http://ulwazilwethu.org.za)



Creative Commons Attribution-  
NonCommercial-NoDerivatives  
(CC BY-NC-ND) 4.0  
International Licence

Disclaimer: You are free to download and share this work as long as you attribute Zenex Foundation, but you may not change this work in any way or use it commercially.

